**IMIYALELO NENGCACISO**

1. Eli phepha lemibuzo linamaCANDELO AMATHATHU:

| | | |
|---|---|---|
| ICANDELO A: | Uvavanyo lokuqonda | (30) |
| ICANDELO B: | Isishwankathelo | (10) |
| ICANDELO C: | Ulwimi | (40) |

2. Funda YONKE imiyalelo ngononophelo.

3. Phendula YONKE imibuzo.

4. Krwela umgca ekupheleni kwecandelo NGALINYE.

5. Qala icandelo NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

6. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.

7. Shiya umgca emva kwempendulo NGANYE.

8. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

9. Qwalasela ngokukodwa upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.

## ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

### UMBUZO 1

1.1 Funda esi sicatshulwa uze uphendule imibuzo elandelayo

**ISICATSHULWA A**

**TYALA UMTHI UKUZE UPHILE**

1 Minyaka le kwiveki yokuqala kuSeptemba kuvuyiswana nokutyalwa kwemithi. Aphakamile amalungiselelo kulo nyaka kuba kuthunyelwe abathunywa abavela kwiindawo ngeendawo ukuza kumela iingingqi zabo kwintlanganiso yePhondo yotyalo lwemithi. Isithethi esiphambili nguMphathiswa wezoLimo nezeMihlaba kwintetho yakhe emongo wayo othi, 'Tyala umthi ukuze uphile.'

2 UMphathiswa uthethe ngongcoliseko lomoya esiwuphefumlayo obangelwa yimisi emnyama thsu ephuma kwizithuthi, kwimizi-mveliso, ukutshiswa kwamadlelo, iinkqwithelo nothuli olubangelwa yimbalela, iziqhushumbisi nogqabhuko-dubulo lomhlaba kunye neenyikima ezitsho ngelifukazi elimnyama lomsi osigulisayo. Oku kubangela uphazamiseko olukhulu ekuphefumleni kwethu. Kuthi kukhokelele kwizifo ezifana nezifuba, amehlo abuhlungu nomhlaza wemiphunga. Olu ngcoliseko alwaneli nje ukonzakalisa impilo yabantu kuphela, luyiphazamisa kakhulu nemo yezulu.

3 Ungcoliseko lwamanzi yeyona ngozi yoluntu jikelele. Amashumi amabini abantu aswelekile eBhayi, amathathu wona asesibhedlele, ayahambisa, ayagabha. Intsusa kukusela amanzi kumlambo okufutshane namatyotyombe abo kanti kugqabhuke indawo yelindle yehlela kulo mlambo. Kubalulekile ukuba kwenziwe iindawo ezikhuselekileyo ekumpontshelwa nekugcinwa kuzo ukungcola ukuze zithi zakugqabhuka zingayichaphazeli nganto impilo yethu sihlale sikhuselekile.

4 UMphathiswa ubethelele inxaxheba ekufuneka ithathwe ngabahlali ekuqinisekiseni ukuba iindawo abakha kuzo amanzi zikhuselekile. Zininzi izifo ezidalwa kukusebenzisa amanzi amdaka. Icebo linye kukuwabilisa amanzi phambi kokuba uwasebenzise, kungenjalo galela amacephe amabini ejikhi kuma-25 eelitha zamanzi uwayeke alale ubusuku bonke phambi kokuwasebenzisa.

5 Kwiindawo ezingenamithi uba mkhulu umonakalo owenziwa zizandyondyo zeemvula minyaka le. Kuthi emva kwemvula kusale kuthe natya-natya konke okukhukuliswe zezo mvula. Nalapha abahlali banendima enkulu ekufuneka beyidlalile. KuCofimvaba kukhukuliseke imizi engamashumi amathathu. Kushiyeke izigede neentsizi. Naxa kunjalo abantu basindile akukho wenzakeleyo. Kwiilali ezingqongwe yimithi emide umonakalo awukho mkhulu. Eminye imithi ilala ngecala, iingcambu zivele ngaphandle, loo nto yophule amandla emvula okugqithela ezindlwini.

6 Ingxolo eyenziwa ziinqwelo-moya ingakumbi kwiingingqi ezikufutshane nezikhululo zazo inegalelo elikhulu ekuguleni ngeendlebe koluntu lwaloo ngingqi. Kufumaniseka ukuba kwinani labantu abahlala kufutshane nezikhululo zeenqwelo-moya abaninzi babo bakhathazwa kukugula ngeendlebe. Uthe ke uMphathiswa weli Sebe wajikeleza zonke izikhululo zeli ekhokele amaphulo okutyalwa kwemithi yompayina. Umpayina ngowona mthi mde nokhula ngokukhawuleza ukogqitha yonke eminy'imithi, yaye awunandawo itheni, ukhula kuyo yonke indawo.

7 Uvale ngelithi kuyafumaniseka ukuba eyona ndlela ilula nenokwenziwa nangubani ukuthintela ezi ngxaki azixelileyo, lutyalo lwemithi kwiingingqi ezisingqongileyo. Imithi yona iyakwazi ukuyifunxa le mimoya imdaka, iyigcine ze ngamagqabi ayo ikhuphe i-oksijini le siyifunayo ukuze siphefumle kakuhle. Ndizive ndisithi kanti sigula kangaka nje, abanye bade bafe phambi kwexesha, iyeza lilapha kuth'ezandleni? Unotshe! Asinakufa uncedo lukuthi.

8 Uqhuba athi, eminye imithi isetyenziswa ekwenzeni amaplanga asetyenziswa kwimizi-mveliso yeefenitshala, izixhobo zokwakha, iipali, njalo njalo. Kwakhona, ikwakhusela abantu, izilwanyana nezityalo ngokwenza imithunzi futhi, inciphisa nokutsitsa kwamanzi asuka emhlabeni ngenxa yobushushu belanga. Iingcambu zayo zidlala indima enkulu ekukhuseleni nasekubambeni umhlaba ungakhukuliswa ziimvula ezinkulu. Kwindibano enkulu eyayiseRhawutini ngowama-2002, *iThe World Summit on Sustainable Development* (WSSD), onke amazwe ehlabathi emka ezibophelele kweli phulo. Soyiswa njani thina utyebe unje owethu umhlaba?

9 Mawethu! Ikhwelo lityala, masincedisane nokuphila kwethu, sixhase ngakumbi eli phulo lotyalo lwemithi. Ngokwenza njalo siphucula iindawo esihlala kuzo thina, imfuyo nezityalo. Ngokutyala imithi sifaka isandla ekukhuliseni ezoqoqosho zeli lizwe lethu kuba kukho nale isetyenziswa kwimizi-mveliso imithi.

[Icatshulwe kuMasikhanyise, yahlelwa]

**Jonga kumhlathi 1**

1.1.1 Yeyiphi iveki ekuvuyiswana ngayo nokutyalwa kwemithi? (1)

1.1.2 Chonga ibinzana elibonisa ukuba olu suku lokuqatshelwa kotyalo lwemithi lubakho qho ngonyaka. (1)

1.1.3 Abathunywa abavela kwiindawo ngeendawo bathunyelwe ukuba beze kwenzani? (1)

1.1.4 Ibingubani isithethi esiphambili sosuku kule ntlanganiso? (1)

**Jonga kumhlathi 2**

1.1.5 Caphula isivakalisi esibonisa ukuba ngaphandle kokonzakalisa impilo yabantu, ungcoliseko luchaphazela nemo yezulu. (1)

1.1.6 Umoya ongcolileyo wenza sigule yintoni? (1)

**Jonga kumhlathi 3**

1.1.7 Yintoni isiphumo sokusela amanzi amdaka? (2)

1.1.8 Yintoni unobangela wokusweleka kwabantu abangamashumi amabini eBhayi? (1)

1.1.9 Kubaluleke ngantoni ukwenziwa kweendawo ezikhuselekileyo zokumpontshelwa nokugcinwa kokungcola? (1)

**Jonga kumhlathi 5**

1.1.10 Thelekisa ukhuseleko lweendawo ezingenamithi kunye nezinemithi kwizandyondyo zeemvula. (2)

1.1.11 Cacisa okuthethwa sesi sivakalisi silandelayo.

Konke ebekungaphakathi kushiyeke kuthe natya natya kwezo ndawo bezinezindlu. (1)

1.1.12 Imithi ayiloncedo ekulondolozeni umhlaba. Yinyani okanye bubuxoki. Xhasa impendulo yakho. (2)

1.1.13 Xela ukuba ukhukuliseko lwemizi engama-30 kuCofimvaba lubangelwe yintoni? (1)

**Jonga kumhlathi 6**

1.1.14 Wenze ntoni uMphathiswa ukuzama ukukhusela abantu kwingxolo yeenqwelo-moya? (1)

**Ungajongi kumhlathi**

1.1.15 Imithi inegalelo njani ekukhuliseni uqoqosho lweli lizwe? (1)

1.1.16 Kubaluleke ngantoni ukufundisa abantu ngotyalo lwemithi? (2)

1.1.17 Kulindeleke ukuba baza kwenza ntoni abantu emva kokujikeleza koMphathiswa ekwiphulo lokutyalwa kwemithi? (2)

1.1.18 Ithetha ntoni into yokujikeleza koMphathiswa ngaye? (2)

1.1.19 Chaza okuthethwa leli binzana apha kwisicatshulwa:

Unotshe! Asinakufa uncedo lukuthi. (1)

1.2 Jonga lo mfanekiso wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA B: OKUBONWAYO**




1.2.1 Khetha impendulo echanekileyo.

A Umntu oguqileyo uyacaphuka.
B Umntu oguqileyo akakwazi ukuma ngeenyawo zombini.
C Umntu oguqileyo uyacenga. (1)

1.2.2 Ukuguqa kwale ndoda phambi kwentombi kunika owuphi umfanekiso ngqondweni kulo mfanekiso? (1)

1.2.3 Athetha ukuthini amaqam amabini avela kule ntombi? (1)

1.2.4 Indlela intombi ewusebenzise ngayo umzimba wayo idlulisa wuphi umyalezo? (2)

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

## ICANDELO B: ISISHWANKATHELO

### UMBUZO 2

Uza kukhetha ikhondo ofuna ukulilandela wakupasa ibanga le-12. Wenza uphando ngemisebenzi yamapolisa, kuba unomdla kulo msebenzi.

Funda esi sicatshulwa silandelayo, uze usishwankathele ngokwemo yokudwelisa iingongoma oza kuziqaphela ngeli khondo. Landela le miyalelo xa ushwankathela:

### IMIYALELO

1. Chonga iingongoma eziphambili ezisi-7 ungadluli kumagama angama-60.
2. Nombola izivakalisi zakho ukusuka kwi-1 ukuya kwisi-7.
3. Qaphela indlela echanekileyo yokusetyenziswa kolwimi, iimpawu zobhalo nococeko.
4. Ubude bomthamo wesishwankathelo mabungadluli kumagama angama-60.
5. Kunyanzelekile ukuba ulibhale ngokuchanekileyo inani lamagama owasebenzisileyo ngezantsi kwesishwankathelo.

**IMISEBENZI YAMAPOLISA KAMASIPALA**

Kuninzi okwenziwayo kulo msebenzi. Yinyaniso emsulwa ukuba umsebenzi wobupolisa eMzantsi Afrika ufuna isibindi nokuzinikela. Kodwa lo msebenzi unomvuzo xa ungumntu owaneliswa kukwazi ukuba unika uluntu inkonzo engundoqo. Xa ulipolisa likaMasipala wesixeko wenza imisebenzi eyahlukeneyo esusela ekuncedeni umntwana olahlekileyo afumane abazali bakhe kuse ekuleqeni izikrelemnqa ezihlutha iibhegi zabantu nasekulamleni oonoteksi abalwayo!

'Oko kwabakho idemokhrasi kweli abantu bayawathanda amapolisa. Bathanda iyunifomu nomsebenzi wawo. Ngumsebenzi ohlonitshwayo nonqwenelwayo ngabantu abaninzi. Ngaphandle kokuthintel'ulwaphulo mthetho lwemihla ngemihla, amapolisa kaMasipala enza nemisebenzi ethile engenziwayo ngamapolisa e*SA Police Services*, njengokulawula ukuhamba kweemoto nokwenza abantu bathobele imithetho kaMasipala.

Ayasebenzisana namapolisa e*SAPS* ngokuwanika abarhanelwa ababambileyo ukuze kuphandwe amatyala abo baze batshutshiswe. *UConstable* Nokuthula Mthethwa waqala ukusebenza kwi*Metro Police* ngo-1997 eyi*Traffic Warden*. Uthi uyakuthanda ukupatrola. Abantu bacinga ukuba umsebenzi wamapolisa kukubamba abantu, kanti sikwanceda uluntu,' utshilo. USajini Wiseman Mchunu uqale ukuphangela kwi*Metro Police* ngo-1998.

Sinxiba iivesti ezingangenwa yimbumbulu, sinikwe nemipu kwaye luyakhawuleza uncedo xa sisengxakini. USajini Mchunu uyaziphucula ngokwenza isidanga somthetho. Uthi, 'Kuyadinisa ukupatrola. Nditshayisa ndidinwe ndiyimfe kube kufuneka ndifik'ekhaya ndifunde kodwa kona ngumsebenzi omnandi kwaye nabantu endiphangela nabo ungathi silusapho. Abantu bayathanda ukusibona, ingakumbi abantwana bayayithanda iyunifomu yamapolisa!' Luxhomile ulwaphulo-mthetho nenani leengozi zendlela eMzantsi Afrika kwaye omabini la mapolisa akhe azifumane ekwindawo ekuhle ingozi ehambis'umzimba kuyo.

'Ekuqaleni babungehli ubuthongo emva kokubona ingozi embi, ingakumbi xa bekukho nabantwana kuyo. Kodwa ethubeni uyakuqhela ukubona iingozi,' utshilo u*Constable* Mthethwa naye ongumama. USajini Mchunu uthi uphelisa uxinzelelo lwengqondo ngokuya kujima kwindawo yokujima yabasebenzi.

[Icatshulwe kwi*BONA,* Janyuwari 2007 yaza yahlelwa]


**AMANQAKU ECANDELO B: 10**

## ICANDELO C: ULWIMI

## UMBUZO 3

## ISIBHENGEZO-NTENGISO

Funda esi sibhengezo silandelayo uze uphendule imibuzo esekwe kuso.




[Ithathwe kwi-intanethi yahlelwa]

3.1 Yeyiphi le nkampani ithengisayo apha? (1)

3.2 Chonga ibinzana elinolwimi olulumkisayo. (1)

3.3 Chaza okwenzekayo kwesi sibhengezo-ntengiso seselfowuni. (2)

3.4 Iiselfowuni zidlala eyiphi indima kuluntu? (2)


3.5 Esi sibhengezo sijoliswe koobani? Nika isizathu sempendulo yakho. (2)

3.6 Kutheni iselfowuni ibekwe ngaphambili abantu bebekwe ngemva? (2)
**[10]**

**UMBUZO 4**

**OKUBONWAYO: IKHATHUNI**

Jonga le khathuni ilandelayo uze uphendule imibuzo.




4.1 Kutheni lo mntu uphakathi emele ihlabathi engamelanga umntu? (2)

4.2 Ibonisa ntoni intshukumo yenenekazi elinxibe iindondo, elithetha kwiselula yalo kule nto ithethwayo yokuba umhlaba uyaphela? (1)

4.3 Chaza imbonakalo yamadoda amabini aphethe iisutikhesi. (2)

4.4 Le ndlela ithetha ngayo enye indoda kula madoda mabini ibonisa ntoni ngayo? (1)

4.5 Iphulo lalo mntu alibanga yimpumelelo. Ngqina oku ngokwalapha kwikhathuni. (2)

4.6 La magama alandelayo, 'umhlaba no ligeza' asetyenziswe njani apha kwikhathuni? (2)
**[10]**

## UMBUZO 5

### 5.1 ITEKISI

**BANDIGROGRISA NGOKUBIZA AMAPOLISA**

**Ndaqesha** imoto iintsuku ezingama-45 *kwaBudget Car Rental* e*Sandton*, ndaza ndafumana umnxeba ongandonwabisanga entlanganisweni. Bandifowunela bendixelela ukuba abakafumani ntlawulo, sekudlule iintsuku ezintandathu, bendigrogrisa ngokundibizela amapolisa ukuba andiyibuyisi imoto yabo.

Ndothuka kakhulu, kuba ndandihlawula ngexesha. Kwiveki ephambi kwaloo mnxeba, utata wagqiba kwelokuhlawula ngokwakhe. Utata walibala ukuhlawula. Njengokuba ndazihlawulela iintsuku ezingama-39, ndothuswa kukuba bandiphathe njengesikrelemnqa.

Bandifowunela kwakhona ukuba ndibuyise imoto. Ndabaxelela ukuba ndiza kuyibuyisa ukuphuma kwentlanganiso. Ndakufika, ndabachazela ukuba bendingazi ukuba akuhlawulwanga kwaye **andiyithand<u>anga</u>** indlela abenze ngayo. Saxambulisana ndemka apho ndiphazamisekile. Bathi, baye basebenzise izilumkiso eziluqilima xa kungabhatalwanga ukukhusela okukokwabo nokuqiniseka ukuba kuyabuya. Xa imoto inganengozi okanye ibiwe, kufuneka oyiqashileyo ayihlawule okanye ayithenge.

[Icatshulwe kwiBona yaza yahlelwa]

5.1.1 Xela ukuba isenzi u-'ndaqesha' esibhalwe ngqindilili kumgca wokuqala kwisicatshulwa sikweliphi ixesha? (1)

5.1.2 Chonga igama elisisihlomelo kwesi sivakalisi:

Ndafumana umnxeba ongandonwabisanga entlanganisweni. (1)

5.1.3 Isimamva u-anga kwigama, 'andiyithandanga' esibhalwe ngqindilili sibonisa ntoni? (1)

5.1.4 Bhala isivakalisi usebenzisa isenzi esikwisibiyeli sibe kwisixando sokwenzela:

Utata (hlawula) unyana imoto. (1)

5.1.5 Xela ukuba igama elikrwelelwe umgca kwesi sivakalisi singezantsi lenze msebenzi mni?

'Kwaye sekudlule iintsuku <u>ezintandathu</u>.'

A Sisibaluli
B Sisiphawuli
C Sisimnini (1)

5.1.6 Guqula le ntetho ibe kwingxelo-ntetho:

'Ndikhetha ukuhlawula ngokwam', utsho utata.

Qala ngolu hlobo: Utata uthi ... (1)

5.1.7 Sebenzisa isinye kwesi sivakalisi:

Bathi, baye basebenzise izilumkiso eziluqilima xa kungabhatalwanga. (1)

5.1.8 Sebenzisa isihlanganisi ukwenza ezi zivakalisi zibini zibe sisivakalisi esinye.

Bandifowunela kwakhona. Ndiyibhatele imoto. (nangona) (1)

5.1.9 Bhala igama elikwisicatshulwa elithetha umntu owenza izinto ezingalunganga nezingenabunyani njengokuphanga abantu izinto zabo. (1)

5.1.10 Sikoluphi uhlobo isenzi esithi, 'Buyisa imoto!' (1)

5.1.11 Lungisa esi sivakalisi sifundeke ngendlela echanekileyo:

loo ukuba ngetyala kuyaxoxisa ndafunda mini ukuthenga (2)

5.1.12 Isimamva u-ana sisetyenziselwe ntoni kweli gama likrwelelwe umgca?

<u>Saxambulisana</u> ndemka apho ndiphazamisekile. (2)

5.2 **UMFANEKISO**

Jonga lo mfanekiso uze uphendule imibuzo elandelayo:



5.2.1 Guqula esi sivakalisi sibe ngumbuzo.

Inkosikazi imi ngeenyawo. (1)

5.2.2 Bhala esi sivakalisi silandelayo uqale ngegama elikrwelwe umgca.

Indoda ifunda <u>iphephandaba</u>. (1)

5.2.3 Gqibezela esi sivakalisi ngokufakela isifanekiso-zwi.

Xa umbane ucimile kuba mnyama .... (1)

5.2.4 Sebenzisa igama – 'ubumnyama' kwizivakalisi ezibini ubonise ukuba lineentsingiselo ezahlukeneyo. (2)

5.2.5 Bhala igatya eliyintloko nelayamileyo kwesi sivakalisi silandelayo:

Umzekelo: Abafundi bahambile kwakusasa ukuya esikolweni.

Impendulo: A: Abafundi bahambile ukuya esikolweni. Igatya eliyintloko
B: kwakusasa. Igatya elayamileyo.

Utata ufunda ngokuhlwa iphephandaba lakhe. (1)
**[20]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 40**
**AMANQAKU EWONKE: 80**